Isalathiso: 20200807-7415
Inombolo yefayili: 12/2/13/6
Imibuzo: V Madasi

INgcaciso eMfutshane yeCandelo lokuXhasa amaZiko ngeZibonelelo: 0007/2020

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNqununu zezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo, nezemfundo eneemfuno ezizodwa ezikusebenza kuzo oku

Isihloko: Ukuziswa kweencwadi zokwenza umsebenzi zeSebe leMfundo leNtshona Koloni zamaBakala R ukuya ku-9 ukwenzela u-2021

1. Njengoko kuchaziwe kwileta evela kwiSebe leMfundo esiSiseko (DBE), iSebe i-DBE liya kuprinta yaye lihambise iincwadi zokwenza umsebenzi kuzo zonke izikolo zikarhulumente (izikolo eziqhelekileyo nezikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa) eNtshona Koloni ukwenzela unyaka wekhalenda yesikolo ka-2021.

   Ezi ncwadi zilandelayo ziya kusiwa ngqo ezikolweni:

   - Iincwadi zokwenza umsebenzi zeBakala R;
   - EzeLwimi zeeNkobe kumaBakala 1 ukuya ku-6;
   - EzeMathematika kumaBakala 1 ukuya ku-3 kulwimi lokufunda nokufundisa *(LoLT)*;
   - EzeMathematika kwisiNgesi nakwisi-Afrikansi kumaBakala 4 ukuya ku-9;
   - EzoLwimi lokuQala oloNgezelelweyo kwisiNgesi kumaBakala 1 ukuya ku-6; kunye
   - nezeZakhono zoBomi kumaBakala 1 ukuya ku-3 kulwimi lokufunda nokufundisa *(LoLT)*.

   U-*Volume* 1 ka-2021 (IKota 1 no-2) ezeBakala R ziya kusiwa kuzo zonke izikolo ukususela kowe-24 Agasti 2020.

   U-*Volume* 2 ka-2021 (IKota 3 no-4) uya kusiwa kuzo zonke izikolo ukususela kowe-30 Oktobha 2020.

2. NgoMatshi 2020 iSebe leMfundo leNtshona Koloni (WCED) lalicelwe ukuba linike iSebe iDBE amanani abafundi engqikelelo eencwadi zokwenza umsebenzi emaziprintwe

yaye ziziswe ukulungiselela u-2021. Amanani abafundi anikwe iSebe iDBE asekelwe kwingcaciso ye-*CEMIS* echaphazelekayo ebifumaneka ngelo xesha.

3. Inani leencwadi zokwenza umsebenzi emaziziswe kwisikolo ngasinye malingqinelane namanani abafundi anikwe iSebe iDBE liSebe iWCED. Inani leencwadi zokwenza umsebenzi ngebakala ngalinye izikolo ezilindele ukuba ziziswe liSebe iDBE linokubonwa kwikhasi leziko lewebhu i-*Learning and Teaching Support Material (Curriculum and Assessment Policy Statement textbooks*) *webpage* kwiziko lewebhu leSebe iWCED. Idilesi yeziko lewebhu yile: https://wcedonline.westerncape.gov.za/learning-and-teaching-support-material-ltsm.

4. Uxwebhu olusisikhokelo olucacisa imigaqo yaphambi nangethuba lokuziswa kweencwadi zokwenza umsebenzi luqhotyoshelwe apha njengesiHlomelo A sale ngcaciso imfutshane.

5. Xa kuziswa iincwadi zokwenza umsebenzi ngumboneleli-nkonzo weSebe iDBE, kulindeleke izikolo ukuba zithelekise inani leencwadi zokwenza umsebenzi ezizisiweyo nenani elinikwe kwiziko lewebhu elikhankanywe apha ngasentla. Naziphi iincwadi ezizisiweyo ezikulwimi olungachanekanga okanye ezishotayo mazixelwe kuxwebhu elibubungqina bokuziswa kwazo (*proof of delivery (POD*)) yaye mazithathwe ngumboneleli-nkonzo obezise iincwadi zokwenza umsebenzi egameni leSebe iDBE.

6. ISebe iDBE lizifaka ii-*PODs* zesikolo ngasinye apha: http://www.schoolmaster.org.za yaye kukhuthazwa izikolo ukuba zingene kwiziko lewebhu ukungqinisisa imihla yokuziswa kwazo. Inombolo yesikolo ye-*Education Management Information Service (EMIS)* inokusetyenziselwa ukungena kwiziko lewebhu.

7. Ngo-Oktobha 2020, zonke izikolo ekwakuziswe kuzo iincwadi zokwenza umsebenzi kuya kucelwa ukuba zingene kwi-*CEMIS* ukufaka amanani abafundi ka-2021 nenani kanye ngqo elichanekileyo leencwdi zokwenza umsebenzi ngesifundo ngasinye ezifunyenwe kwiSebe iDBE. Kule nkqubo, ezishotayo nezingaphezu kwemfuneko ziya kwaziwa yaye kunikwe inkcazo kwizithili. Ingxelo iya kufumaneka kwi-*EduInfoSearch*.

8. Amagosa ezithili achaphazelekayo aya kuthwala uxanduva lokuququzelela ukuhanjiswa kweencwadi zokwenza umsebenzi ezichazwe njengezishotayo.

9. Kucelwa wazise okuqulethwe yile ngcaciso imfutshane bonke abasebenzi abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU**-**MS ABRAHAMS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOCWANGCISO LWEZEMFUNDO
UMHLA: 2020-08-21